



VAKALISA ULUVO LAKHO! NOMTHETHO KAMASIPALA OLUYILO ONGOQESHISO LWEXESHA ELIFUTSHANE (STL)

ISixeko saseKapa simema amalungu oluntu kunye namaqela anomdla ukuba avakalise uluvo malunga noMthetho kaMasipala oluyilo ongoQeshiso lweXesha elifutshane phakathi kowe5 kweyeThupha(Agasti) 2026 nowe5 kweyeDwarha (Okthobha) 2026.

UMthetho kaMasipala ophakanyisiweyo ujolise ekuphuculeni ukuthotyelwa koMgaqonkqubo ongaMaxabiso okhoyo weSixeko, ofuna ukuba kuhlulwe irhafu yepropati yorhwebo kwiindawo ezisetyenziselwa ukuqeshisa zorhwebo lwexesha elifutshane. Iirhafu zorhwebo azisebenzi kubantu abaqeshisa ngendawo zabo zokuhlala okwethutyana ngenjongo yokongezelela ingeniso yabo, okanye kwiindawo eziqeshisa ixesha elide, kuba ezo propati zithathwa njengendawo yokuhlala ephambili yomqeshi.

Ukuze kwahlulwe phakathi kweepropati ezisetyenziselwa uqeshiso lwexesha elifutshane, iSixeko kutshanje silungise uMgaqonkqubo waso ongaMaxabiso, kulandela inkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu. Ngokukodwa:

- Iipropati ezisetyenziselwa uqeshiso lwexesha elifutshane i50% okanye ngaphantsi komthamo wazo wonyaka wamagumbi okulala zingaqhubeka nokuhlelwa njengeepropati zokuhlala, ukuba ziyazifezekisa iifundo zoMgaqonkqubo ongaMaxabiso weSixeko.
- Iipropati ezisetyenziselwa uqeshiso lwexesha elifutshane ngaphezu kwe50% yomthamo wazo wonyaka wamagumbi okulala ziya kuthathwa njengendawo yokuhlalisa yorhwebo, yaye ziya kuhlulwa irhafu ngokufanelekileyo.

Ngamafutshane, uMthetho kaMasipala uya kufuna oku kulandelayo:

- Amaqonga okubhukisha, abanini beepropati nabaqhubi bazo mabanike iinkcukacha eziyimfuneko zokubhalisa baze babelane ngedatha emalunga nokufumaneka kweendawo ezidwelisiweyo nokusetyenziswa kwazo, ukuxhasa inkqubo yeSixeko yokuhlela iipropati ngokweendidi zamaxabiso;
- Zonke iipropati ezidweliswe kulo naliphi na iqonga lokubhukisha mazibhaliswe kwiSixeko;
- Inombolo yobhaliso lweSTL ekhutshwe siSixeko mayiboniswe kuzo zonke izibhengezo ezipapashwe kumaqonga okubhukisha; kwaye
- Amaqonga okubhukisha, abanini beepropati nabaqhubi bazo mazisuse nayiphi na ipropati edwelisiweyo engabonisi nombolo yobhaliso lweSTL ekhutshwe siSixeko.

UMthetho kaMasipala ophakanyisiweyo uya kusebenza:

- Kubanini nabaqhubi beepropati ezidweliswe kumaqonga okubhukisha; kunye
- Nakumaqonga okubhukisha apapasha iindawo zokuhlala zoqeshiso lwexesha elifutshane.

ISixeko sineenjongo zokuba naluphi na utshintsho kwiindidi zamaxabiso eepropati luqale ukusebenza ngomhla woku1 kweyeKhala (Julayi) 2027.

Ngokwecandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka2000, uluntu kwakunye namaqela anomdla banikwa ithuba lokungenisa kumasipala ngokujoliswe kuMthetho kuMasipala oluyilo ukususela kowe4 kweyeThupha (Agasti) ukuya kowe4 kweyeDwarha (Okthobha) 2026.

izimvo, izindululo okanye iimbono zingangeniswa nge:

- Imeyile: SCM.Enquiries@capetown.gov.za
- Izimvo ezibhaliweyo: Zingangeniswa nakweziphi iiofisi zamabhungana eSixeko okanye kumathala eencwadi eSixeko (kwibhokisi yezimvo)
- Ngewebhusayithi: www.capetown.gov.za/haveyoursay nakwa www.capetown.gov.za/collaborate

UMthetho kaMasipala oluyilo ongoQeshiso lweXesha elifutshane ekunye noshwankathelo lwesigqeba ziyakuthi zifumaneke ukuba ziphononongwe kwiwebhusayithi yeSixeko: www.capetown.gov.za/haveyoursay. Ukongeza, ushwankathelo lwesigqeba loMthetho kaMasipala lizakuthi lifumaneke ngeelwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni kwii-ofisi zamabhungana ngesithuba sentathoxaxheba yoluntu.

IYunithi yeSixeko ejongene neNtathoxaxheba yoLuntu iza kuncedisa abantu abakhubazekileyo abangakwaziyo ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba izimvo zabo ezichasayo zirikhodishwe kwaye zingeniswe kwiSixeko.

Ngemibuzo ebhekiselele koku, qhagamshelana neSixeko ku 0800 220 441 okanye STL@capetown.gov.za.

Qhagamshelana neSixeko ku [STL@capetown.gov.za/](mailto:STL@capetown.gov.za) ukuba ufuna inkcukacha ezithe vetshe malunga nomgaqonkqubo olungisiweyo okanye ngendlela yokungenisa izimvo.

